# Tsheca-Lomgibe ! !

## (Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Ukonana ? Umfundisi omnyama oshumayela kwi cawe yabe lungu bodwa na ? Ngani kaloku ? U Tixo Emnye nje Elutandweni ? Zigqaleni ke izinto : Ezinye Izizwe, kudala zati qwa—okwentulo etyeni : Azifuni kuxabana no Tixo wazo Olisiko : Zingenise Otixo base mzini bayokushumayela pakati kwazo :—

Kukumbule Yehova okusihleleyo
Lila umi Afrika etyeshileyo
Intshutshiso ipezu kwentamo yako
Wakhumeka ngqangi engenampiko.

Hai ukuhlala kwawo wodwa Umzi
Nokungenwa kwamasango alomzi
Obantu babenikwe Intsikelelo
Namhla simanga ngumzi wembandezelo.

Tsheca lamasiko angumgibe kuwe
Kudala sisitsho sigqibe amazwe
Baqwab' izandla nabadlula ngendlela
Lomzi ungenayo nendawo yokudlela.

Saqala ngokuhomba sisekulweni
Kanti nantsi ntshutshiso ezicaweni
Luxakaxiwe u " Pondo " lwe Afrika
Nabalandelayo bobeta besotuka.

Bhekisa ubuso bako Ezintabeni
Uprofetele kuzo nawe kwedini
Yiti yonke into yaba ngamampunge
Ento zokudlala odwa amampunge.

Amasiko entlanga angumgibe kuwe
Inene ke nditsho kangela ke nawe
Akuko ntwisento kwinto zakowetu
Seyele sazika ndifung' amawetu.

Lamasiko asahlule no Tixo
Nandso ke intloko kweyetu ingxoxo
Asichita konke asenz' izigede
Konyana nentombi apos' amagade.

Ahluta namakaya kanye no Bukosi
Yaqaba, gqob'oka bahamba ngepasi
Alikadumi noko liyarangaza
Kuba alikaviwa ngamanyangaza.

Amasiko etu anxitywa ilokwe
Inkohliso yodwa kanye neye blukwe
Nentombi azisagidi ngalubambo
Zikab' onomtatsi kwapuke nembambo.

Tsheca lamasiko angumgibe kuwe
Akuzenzanga kodwa noko wenziwe
Rola ke umkonto uye e Gqireni
Lwapel' usapo yingwe yase Dikeni.

Wavela umlungu kungeko zimanga
Weza nge Bhaibhile ngoko Sati Manga
Namhla sibambene ngesingayaziyo
Ngati siku Msito wakwa Lambatayo.

Camagu ! Bo ! !

Umteteli wa Bantu
(Johannesburg)
March 28th, 1925.